**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI**
**UHLELO OLUPHAKAMILEYO**
**(Iphepha Lesithathu)**

---

## ISIGABA A

### UMBUZO 1

UKUHLOLWA KWEZINCOKO: ULWIMI OLONGEZELELWEYO UHLELO OLUPHAKAMILEYO
Imilinganiso yokuphonononga izincoko

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 1. Ukuthi ngqo emxholweni ukutyeba kolwimi ukuyila / ukuqamba | Level 4 - Ophume tu emxholweni - umxholo ongenguwo - ongahambelaniyo nesihloko | Level 3 - Uyasiva isihloko kodwa akanasiphiwo sokuyila. | Level 2 - usemxholweni zikho neempawu zokuqamba. | Level 1 - usemxholweni - izakhono zokuqamba - uyondelelwano lwemihlathi - ulwimi olusulungekileyo |
| Amanqaku (5) | 1 | 2 | 3-4 | 5 |
| 2. Upelo isigama iziphumlisi | Level 4 - Upelo olugwenxa - ukusetyenziswa kakubi kwamagama - isigama esingesiso - umoya wesincoko - akukho ziphumlisi | Level 3 - Luninzi upelo olugwenxa - isigama esingafanelekanga - ubuheshe heshe - ukungagqali iziphumlisi | Level 2 - zimbalwa izinto ezipeleke gwenxa - isigama esichanekileyo - iziphumlisi ezigwenxa zimbalwa. | Level 1 upelo olululo - isigama esigqwesayo - ukusetyenziswa kolwimi imvakalelo eyiyo. - zisetyenziswe kakuhle iziphumlisi. |
| Amanqaku (6) | 1 | 2-3 | 4-5 | 6 |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 3. Ukwakhiwa kwezivakalisi ukusetyenziswa kolwimi | Level 4 izivakalisi ezakheke kakubi zonke - zivisa ezingena zivumelanisi - ubhalo olungena ntsingiselo | Level 3 - Izivakalisi ezingagqitywanga - Uku setyenziswa okuphosakeleyo kolwimi. | Level 2 - Izivakalisi zibhaleke kakuhle - iintlobo zezivakalisi zisetyenziswe kakuhle izivumelanisi | Level 1 - Zisetyenziswe ngempumelelo iindidi zezivakalisi - zihleliwe ulwimi lusebenziseke ngokufanalekileyo akukho ziphene |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Amanqaku (8) | 1-2 | 3-4 | 5-6 | 7-8 |
| 4. Imihlathi | Level 4 - Ukuminxana komsebenzi kungabonakali mihlathi - akukho siqalo nasiphelo - ingxubevange yezimvo - akukho ngqiqo phambili kwimiba exoxwayo | Level 3 - Luncinane unxibelelwano kwimihlathi - izivakalisi zibandakanya imiba emininzi. - Unxulumano kwintshayelelo, umongo nesiphelo alucacanga | Imihlathi ibhaleke kakuhle. - zikho: intshayelelo, umxholo, isiphelo, umsonto noyondelelwano uyabonakala. | Level 1 - Imihlathi ebhaleke kakuhle. -Uyondelelwano lwemihlathi - Isiqalo, umxholo, isiphelo esiyondeleleneyo |
| Amanqaku (5) | 1 | 2 | 3-4 | 5 |
| 5. Umxholo /umongo intshayelelo | Level 4 - Intshayelelo ayikho | Level 3 - Ukujikeleza ungabisemxholweni - okunesidina. | Level 2 - Ulandelelwano yemiba exoxwayo ekhokelela kuvuthondaba. | Level 1 - Inomstalane - ifanelekile |
| AMANQAKU (3 | 0 | 1 | 2 | 3 |
| Isiqu | Level 4 - Imvo eshwaqayo - ingxubevange engangqinelaniyo namava | Level 3 - izimvo ezingacacanga ezingahlanganiyo - ukufikelela kuvuthondaba | Level 2 -Ulandelelwano yemiba exoxwayo ekhokelela kuvuthondaba. | Level 1 - Ukulandelelana kwezi - ganeko zilandelana ngokwengqiqo ezinomdla zifike kuvuthondaba. |
| Amanqaku (10) | 1-3 | 4-5 | 6-7 | 8-10 |
| Isiphelo | Level 4 - Akunasiphelo | Level 3 - Isiphelo esijingayo | Level 2 - Isiphelo esisilelayo ngengqiniseko. | Level 1 - Isiphelo esicingisisiweyo esiqiniseka izimvo ebezibhalwa - Isiphelo esithe ngqo |
| (3) | 0 | ½-1 | 2 | 3 |
| 40 | | | | |

EWONKE [40]

# ICANDELO B

## UMBUZO 2

## UKUPHONONONGA INCWADI / ILETA YOBUHLOBO / YEZORHWEBO / NEZOMTHETHO

### Imilinganiselo yokuphononongo

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 1. Isakhiwo - Ukubhalwa ngendlela echanekileyo idilesi, isibulo nesiphelo | Level 4 - Ukungabhaleki kakuhle kwedilesi; ukushiywa / komhlathi. | Level 3 - Iziphene ezincinane / ezimbalwa | Level 2 - Iimpawu zeziphumlisi onobumba abakhulu apho | Level 1 - Ukubhaleka kakuhle |
| Amanqaku (3) | ½ | 1 | 2 | 3 |
| 2. Imo - Imo yencwadi yomthetho / yobuhlobo. | Level 4 - Ukubhidanisa iimo zeencwadi | Level 3 - Iimpazamo ezimbalwa | Level 2 - Iimpazamo zimbalwa ibhaleke kakuhle | Level 1 - Ibhaleke kakuhle akukho mpazamo |
| Amanqaku (2) | ½ | 1 | 1½ | 2 |
| 3. Ulwimi - Ulwimi lulungele uhlobo lweencwadi. Ulwimi ngendlela oluthethwa ngayo luveza umoya ofanele iziphumlisi, izivakalisi ne mihlathi | Level 4 - Olungangqinelani nesihloko izivakalisi nemihlathi azibhalekanga kakuhle | Level 3 - Uzamile nangona ziheshesheshe izivakalisi. Imihlathi ayohlulwanga ngendlela eyiyo | Level 2 - Kubhaleke kakuhle ulwimi luhambelana nesihloko | Level 1 - ulwimi olutyebileyo luhambelana nesihloko, akukho ziphene |
| AMANQAKU (10) | 1-2 | 3-4 | 5-6 | 7-8 |
| 4. Umxholo - Ukuba semxholweni. | Level 4 - Akuhambelani nesihloko | Level 3 - Uyasivelela isihloko kancinane - Awuyiphumezi injongo yesihloko. | Level 2 - Uyanamathela emxholweni | Level 1 - Unamathela ngokufezekileyo emxholweni ukuphumeza injongo yesihloko |
| Amanqaku (5) | 1 | 2 | 3-4 | 5 |
| EWONKE : 20 | | | | |

## ICANDELO C

### UMBUZO 3

**UKUHLOLWA KWEMIHLATHI EMIDE (INGENISO YEDAYARI / INGXELO / IMEMORANDAM / AJENDA / IMIZUZU / UBOMI BONGASEKHOYO / INTENGISO / ISINCOMO SIGXEKO**

| | 4 | 3 | 2 | 1 |
|---|---|---|---|---|
| Imo / isakhiwo esivunyiweyo | akukho mo | Ibhalwe kodwa kuneziphene ezimbalwa | kuhle kubhaleke ngendlela evunyiweyo | kubhaleke ngendlela evunyiweyo akunaziphene |
| 6 | 1 | 2-3 | 4-5 | 6 |
| Umxholo | Umxholo awungqinelani nesihloko | intlantsi ikho ngesihloko kodwa iyajikeleza aziphumeleli iinjongo zokubhala kunophindaphindo oluninzi | kubhaleke kakuhle ziyaphunyezwa injongo zokubhala | nca emxholweni zivelela zonke inkalo ngesihloko eso |
| 4 | 1 | 2 | 3 | 4 |
| ukusetyenziswa kolwimi | lusetyenziswe kakubi | Aluluhle kangako | luhle | luhle kakhulu lutyebile |
| 10 | 2 | 3-5 | 6-8 | 9-10 |

[20]
[80]

## ICANDELO A

1.1 Ukubaluleka kwemidlalo ngokubanzi ebantwini
- Ulonwabo, unxibelelwano, ubunye, ukuziqhayisa ngobuzwe bethu, uthando lomdlalo, ingenelo ngokwemisebenzi
- Amaphupho namathemba
- Amalungiselelo, imozulu
- Amanqanaba omdlalo nemizuzu yokugqibela
- Isijwili, ubuhlungu ukudana / ukuphoxeka
- Imbono zakho ngalo mdlalo.

1.2
- Iziganeko eselesizibonile koomabonakude ngenxa yokunyolukela izikhundla kumazwe angamathanga nalawo angaphandle phesheya kwezilwandle.
- Ukuhlonipha amalungelo abantu -abantu mabazibone bebalulekile kwinkqubo yokuziphatha izikhalazo zabo ziphulaphulwe.
- Ukuhlaziya iimfuno zabantu, wabe ubutyebi bezwe ngokweemfuno nobukho bobutyebi belizwe.
- Unxibelelwano nothethwano lubalulekile.
- Imithetho yelizwe mayivikele bonke abantu yaye ilandelwe.
- Izimvo zabafundi ziya kujongwa zamkelwe.

1.3
- Chaza ubuhle nalapho ikhona le ndawo - ucoceko, uhlaza, iziqhamo ngamaxesha athile onyaka , imifula eyingqongileyo imithi, iintaba, nomculo owenziwa zintaka, ubuntu ukutya, izithuthu, amahashe iindawo zolonwabo - imibhiyozo imidlalo yangaphakathi, iindawo zokuzivonyavonya umzimba njalo-njalo.

1.4
- Unobangela wokuba ukutsha luzibone ludada kule meko yeziyobisi.
- Ukuqala imibutho yolutsha kuzanywe iindlela zokulubuyisa ezitalatweni.
- Ukucela uncedo kwimizi-mvelosi babe negalelo ekuncedeni olo lutsha osele lungene kakhulu kwiziyobisi - bathunyelwe apho bengafumana khona uncedo.
- Ukuziqalela amashishini kwamaqela kodwa konke oku kuya kuhlolwa.
- Imidlalo - yeqonga, ibhola, ukhuphiswano izifundo zangasese kuqeqeshelwa izakhono.
- Izimvo zabafundi

1.5
- Ingcaciso ngamalungelo.
- Ubuhle bamalungelo - ukungaxhatshazwa, ukufunda, ukondliwa, ukuphepha, impilo, indawo yokuhlala.
- Ububi - ukuwasebenzisa, ngendlela embi.
- Ubusela- ukuba, ukuhlupheka, ukuxhatshazwa kwabantwana noomama.
- Izimvo zabafundi

1x40=[40]

## ICANDELO B

### UMBUZO 2

2.1
- Iidilesi ezimbini - eyombhali nombhalelwa
  Umhla ubhalwa kweyombhali kuphela
- Isibuliso
  Mnumzana / Mhlekazi obekekileyo

  Umcimbi: Impahla elahlekileyo
- Umongo: Umhla wokulahleka, usuku phi usinga phi
  Umbala ubukhulu okungaphakathi kwisikhwama eso.
  Inombolo yonxibelelwano.
- Isiphelo : Ozithobileyo
  Igama nefani

2.2 Ubuhle - banikwa ithuba lokuveza izakhono zabo
- Ukusebenzisana
- Ukuthabatha izigqibo - yenza ukufunda ibe samdlalo
- Ukwandisa ingqiqo
- Ifundisa ukuzimela.

Ububi - Umsebenzi omninzi osebenzisa iphepha
- Iindawo apho kufuneka benze uphando zinobungozi ngamanye amaxesha / ezinye zifuna usebenzise imali.

Indlela yokubhalwa kwengxoxo - Izithethi zibe namagama, imihlathi yohlulwe ngokwezithethi.

2.3
- Igama lomzi wokutyela nalapho ukhona
- Abavunyewle ukungena.
- Ucoceko, ubuhle.
- Iintlobo zokutya, iziselo.
- Amaxabiso
- Ukhuseleko
- Impatho: inkonzo yabasebenzi kwiindwendwe
- Uhlelo ngokodidi

xxxx ---------------------------- kugqwesile
xxx ---------------------------- kuhle
xx ---------------------------- phakathi
x ---------------------------- kubi

1x20

## ICANDELO B

### UMBUZO 3

3.1 Indawo:
Ixesha:
Umhla:
Ajenda

1. Uvulo nolwamkelo
2. Abakhoyo
3. Abangxengxezileyo
4. Ukufundwa kwemizuzu edlulileyo
5. Imivuka
6. Imiba yengxoxo
   -
   -
   -
   -
7. Ingxubevange
8. Intlanganiso ezayo
9. Ukuvala
10. Unobhala

3.2
- Isihloko esinomtsalane
- Ubukhulu, ubuhle, uncedo lwayo isetyeziswa kanjani, isiqinisekiso.
- Ixabiso
- Apho ifumaneka khona
- Unxibelelwano nomthengisi

3.3
- Kulandela uhlelo lwesimemo
- Isihloko sentlanganiso apho ibibanjelwe khona nomhla

1. Ukuvula nokwamkelwa
2. Abakhoyo
3. Abangxengxezileyo
4. Ukukhethwa kwabantu kwizikhundla
5. Imiba yengxoxo
   - Mayixoxwe le miba buvakale ubushushu bayo ngenxa yoloyiko lokubona abantwana behleli unyaka wonke bengenzi nto. iziphathamandla zivelana nabo abazali, zibancoma zibagxeka ngokungenzi amalungiselelo kwange thuba.
6. Izigqibo
7. Intlanganiso ezayo
8. Ukuvala
9. Unobhala

1x20=**[20]**

**AMANQAKU EWONKE 80**